UMelkitsedeke, Itshawe Elikhulu NoKumkani

Bhotani kusasanje, zihlobo. Ngokuqinisekileyo ndiyavuya ngokuba lapha ngale ntsasa, ngale ntsasa intle yobusika; ilanga likhanya kakuhle; iintliziyo zethu zonwabile. Njengoko bendihleli phaya ngaphakathi kunye nomfundisi uMnu. Beeler, ngeli thuba ebesenza ushicilelo lwakhe, lukaMoya oyiNgcwele esihla esakhiweni, nabantu bevuya, abantwana bonwabile. Sinombulelo ngenxa yokuba singabaphilileyo sikwaphakathi kwabo banokuphuma beze namhlanje ezinkonzweni. Ngoku, sibulela kakhulu kuye wonke umntu nakumntu ngamnye kuni.

2 Yaye njengoko abaququzeleli bephaya emva, xa kukho umntu ongeneyo, zikhona izitulo ezikhoyo apha kufutshane, bangahlala phaya emva esibingelelweni, nenye indawo yesitulo esilapha, ngaphambili, ikho, ukuba—ukuba abantu bangenile emva kwethutyana.

3 Ngoku, kule veki izayo siqalisa uhambo lokujikeleza lonyaka ngoku, olunye uhambo lokujikeleza ihlabathi. Ukuqalela kwelandelayo, u—umhla we-12, ngolwesiThathu ozayo lowo, eChicago, kwibandla lasePhiladeliphia nasemvuselelweni. Ukuze ke ndiyaqonda, ukusuka apho, thina, ngale ntsasa, ukusukela ekuqaleni ngomhla we-3 ku-Febhali, siqalisa ngoko eLubbock, eTexas, kwi—kwiHolo enkulu iCotton Bowl apho eLubbock, eTexas. Ngoko, ukusuka apho, siye ePhoenix. Ukuze kube kulaa ndawo yomboniso wemfuyo phakathi kweLos Angeles neSouth Gate, eCalifornia. Size siphinde, ukuba iNkosi ithandile, siyafuna ukuya eHonolulu, ukusuka apho.

4 Ngoku, ngenene ndiyababulela bonke abantu abathandazayo. Ukuba bangacela nje iNkosi, suku ngalunye, umthandazo omncinane malunga—malunga nempilo yam. Ndi. . . Kunganzima nokuba nibe ningazi, kweli cala lenguNaphakade, ukuba ndixhomekeke kangakanani na ekundithandazeleni kwenu xa ndimnkile.

5 Bendinombulelo ngokuva uMzalwana Tommy, ngale ntsasa, kubungqina bakhe, bendlela athi ngayo uThixo, evule iingalo zaKhe, elungele ukukwamnkela. Kungenamsebenzi nokuba wenze ntoni na, Usahleli ezivulile iingalo zaKhe ukuze amnkele wonke umphefumlo oguqukileyo oyakuza kuYe, engakhethi ukuba wenze ntoni na kungenjalo sikhulu kangakanani na isono. Uhlala njalo elungele ukuxolela. UThixo akusikelele, mzalwana wam oselula.

6 Ngoku, bendiqwalasela iziphumo zenkonzo yeCawe ephelileyo, abantu ababethandazelwe. Sinako ukubonana sithethathethane okuncinane, ngasese, ukuze sifumane abantu. . .

7 Ndiyanixelela, niyabona, zihlobo, isizathu sokuba singabi nazo iinkonzo zempiliso apha, niyaqonda, asinayo nendawo eyaneleyo yokuze sihoye abantu. Kuyiloo ndlela ke. Azike zivakaliswe iinkonzo zempiliso apha emnqubeni, nakuba sibathandazela abagulayo ngalo lonke ixesha ndilapha.

8 Kwaye ke iiholo ezinkulu kunzima ukuzifumana, nezinto ezinjalo. Kuni ke bazindwendwe bakwiindawo ezahlukeneyo zeli lizwe, yizani, ababaninzanga kakhulu abantu beVangeli ezeleyo phakathi koluntu apha kungenjalo, nakanjani na, okanye kwezi ngingqi zilapha. Kodwa bona. . .Asingabo bonke abazixhasayo ezi nkonzo, kungenjalo abasebenzisanayo nezi nkonzo, gxebe, abangabantu beVangeli ezeleyo, kuba baninzi kubo abahlukileyo ngeenkonzo. Asizami kumela mbutho wenkonzo ethile. Kuphela, siyazama, ngoncedo lukaThixo, ukuzisa iNkosi uYesu Kristu, kwaye—kwaye isisisa kubo bonke, wonke umntu.

9 Ndifuna nje, esinye, xa ndiqaphela, kwiCawe ephelileyo ngaphakathi egumbini, kwakukho u—umzalwana ontsundu ebesandula ukusindiswa kutshanje, kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo, nenkosikazi yakhe ethandekayo. Yena ke ebesisiqhwala, exhaswa. Wayenento eliqhuma kakubi ke emzimbeni wakhe. Kwathi ndisathetha naye ngokwezinto zabucala, kwi-ofisi yamadikoni, kudliwano-ndlebe lwabucala, njengoko etsale umnxeba ngaphambi kwexesha wenza amalungiselelo okuba lwenziwe. Njalo ngeeCawe, siba nabangaka esinokuthi sifumane bona Cawe nganye. Ndisiva, ngethuba sasihleli apho, nempembelelo yoMoya oyiNgcwele, kuba, . . .

10 Inenekazi elithile lalisandula kuphuma apho, lalihamba ngeentonga, elathi layeka. . .laphuma, lihamba ngaphandle kwazo.

11 Le ndoda ke, yayiqiniseke ngokona kukhulu ukukholwa kwiNkosi uYesu, kuba, yathandazelwa, inento enkulu embi yeqhuma. Ndayixelela, ndathi, “Ngoku, elo qhuma lizakuqalisa ukusuka ngawo lo mzuzu, ukubuyela endaweni yalo.” Ndathi, “Ngoku njengoko li—libuyela emva, ngoko uze ulikhangele njengoko lisihla libuya umva, loo nto iyakukunika ukholo ngakumbi.”

12 Yabona, ukholo lumelwe kukusekelwa phezu kwento ethile, ingabi yingcinga nje engaphathekiyo. Lumelwe kukuba phezu kwento ethile, ngokwesiseko, ekumiwa phezu kwayo; lwenza loo nto ukholo. Naso ke isizathu sokuba sikholwe ukuba iLizwi likaThixo lifundisa impiliso eNgcwele, ukuhlangulwa komphefumlo, ukuhlangulwa komzimba. Yaye oko sikusekela phezu kweLizwi elinguNaphakade likaThixo.

13 Ndaze ndathi kulo mzalwana, “Ngoku, ukuze ube nokwazi ukuba ndikuxelele iNyaniso.” Kuba, ndiyibona iphambi kwam embonweni, ndathi, “Uze uthathe, wakufika ekhaya, uqinise eloo qhubu, umtya, uwulinganise ubude. Uze ulinqumle eloo cingo, ungabuye ulichukumise kwakhona kude kube yiCawe ezayo. Phambi kokuba unyuke uze ke, uthabathe loo nto, uthabathe enye intanjana ujijele ngayo kuloo ndawo, undiphathele umahluko wokubohla kwezo ntanjana.”

Wathi, “Ndiyakuyenza loo nto.”

14 Ke, nantsi loo ntanjana, kumalunga ne-intshi enesiqingatha esinokusikwa kuyo, ngolo hlobo. Nantsi ihleli apho loo ndoda, loo ndoda, ukuze nje ibe nokubona ukuba kwenzeke ntoni na.

15 Ngoku kukho into eyenzekileyo. Andizange, ebomini bam, ndibone nangaliphi na ixesha apho uThixo wakhe wathetha nantoni na, kungenjalo wayixela ngombono kungenjalo isityhilelo, ingeyiyo into echanekileyo kanye ngaloo ndlela uThixo athe iyakuba yiyo, yabona, ngokuchanekileyo kanye.

16 Inkosikazi yayo, kwiCawe ephelileyo, yeza, yayihamba ngokuncediswa ngentonga yokuhamba, kungenjalo intonga, ingcongolo. Ndiye ndayiqaphela namhlanje. Yona, iphaya ngaphakathi, yayingakwazi kuhamba, kunzima. Yona, ndayixelela ukuba iNkosi yayizakuyiphilisa. Yayine—yayinelungu eliqinileyo. Ndiyibonile ke inyuka ihamba, iyithabathe intonga yayo yengcongolo yayibeka egxalabeni phaya ngaphakathi. Yiyo le ke namhlanje.

17 [Kukho udade othi, “Mayibongwe iNkosi. Ndim eloo nenekazi.”—Mhl.] Naliya, naliya elinye inenekazi, elinye elivela eMazantsi, ngubani? Eliya ibiyi . . . Lona belikwimpixano enjani, linezifo ezininzi kakhulu, kwiCawe ephelileyo, liqhwalela. Kwaye lihlala emazantsi kakhulu kwindawo ethile engaseGeorgetown, akunjalo, nkosazana, kungenjalo kwindawo ethile emazantsi phaya? [“EGeorgetown, e-Indiana.”] Georgetown, Indiana.

Lathi, “Kodwa, Mzalwana Branham, ndaluphele.”

18 Ndathi, “Kodwa u-Abraham wayenjalo, okwakhe, emdala ngokungaphezulu kakhulu kunawe, xa wacelwa ukuba akholwe yinto eyayingenakwenzeka.” Nomfazi wayamnkela loo nto, kwaye nguye lowo ke.

19 Nali ke eli nenekazi lihleli kanye apha emva kweli nenekazi bendithetha ngalo, kanye emva kwalo umyeni walo ulapha. Inenekazi elintsundu lihleli kanye *apha;* nelinye eliya inenekazi, phaya ngasemva.

20 Iintanjana ezo, zezobungqina. Intonga ekuhanjwa ngayo ayisekho, ukwenzela ubungqina. UYesu Kristu uyaphila yaye uyalawula, ukwenzela ubungqina obuphambili bokuba

Wavuka kwabafileyo nokuba ukunye nathi namhlanje. SiMbulela kakhulu ngokusuka emazantsi entliziyo yethu, ngenxa yokuba Esaphila. Akafanga. Wavuka kwabafileyo, kwaye uhleli phakathi kwabantu ababhubhayo namhlanje, ehlala engolindeleyo, enako ukwenza ngokugqithisileyo, ngokukhulu ngaphezu kwako konke esinokuba nako ukukwenza kungenjalo ukukucinga. SiyaMdumisa ngentliziyo yethu yonke, ngenxa yokulunga kwaKhe okuthembekileyo kuthi.

21 Ngoku bona ukuba kukho . . . Ingaba zisekhona izitulo ezizezinye phaya? [UMzalwana Neville uthi, "Zikho ezide phaya ngasemva."—Mhl.] Kulungile. Basenazo ezizezinye, esinokuthi sizikhuphe sizizise nje sibahlalise phezulu eqongeni, ukuba ninganako.

22 Ngoku, ukwenzela isifundo sesikolo seCawe, siza . . . Kube liqashiso lam, ukufundisa, nje izifundo ezincinci zesikolo seCawe. Yaye sizakwenza njalo, ukuba uThixo uthandile, ukuzama ukugqibezela ingongoma ebesiyiqale kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, apha e—enkonzweni, kwiiCawe ezimbalwa ezidlulileyo.

23 Ke ngoku, Mzalwana Junior, mhlawumbi bangezisa . . . Akungcono uhlale apha phezulu eqongeni, ukuze unike amanye wala manenekazi . . . Ungeza naso apha kanye, mhlawumbi usenze si—sibe ngcono kunaloo nto besiya kuba yiyo, usiphakamise apha ngaphambili. Kuyakuthi nje ke ukuba sikhululeke isikolo seCawe kwelaa gumbi, ziyakubakho izitulo ezizezinye, izitulo ezizezinye zilindile.

24 Ngoku, ukuba kukho umntu o . . . mhlawumbi umntu othile onxibelelene nebandla eli. Lincinane, mhlawumbi, lenza iintloni kungenjalo enye into kwabaziindwendwe ekuzeni apha. Kodwa ukuba kukho umntu othile onxibelelene nebandla eli, angeza athathe ezo zitulo, ekuyakuthi ngenene kuvulele omnye umntu isitulo ekungeneni kwakhe.

25 Ngoku, namhlanje, sifundisisa kwiLizwi elisikelelekileyo likaThixo. Ukuba niyawukhumbula uMyalezo wokugqibela, ubuseNcwadini yamaHebhere.

26 Kuyamangalisa, ukufunda iLizwi likaThixo! Kusinika ubomi obunguNaphakade. UYesu wathi, "Ziphengululeni iZibhalo, kuba niba ninoBomi obunguNaphakade kuZo. Zaye Zona Zingqina ngaM." Yinto enjani ukuthandeka ke ukwazi ukuba Wasisikelela, ukuze asinike iLizwi eliphililileyo. UThixo useLizwini laKhe.

27 Ngoku, tyhilani nonke eziBhayibhileni zenu, kumaHebhere isahluko se-7.

28 Kwaye sizakuzama ukuba singathathi xesha lide kakhulu ngale ntsasa, ukuvuselela nje okuncinane kukaKristu,

ngeLizwi, ukuze sibe nokunibonisa oko Akuko nokuba kutheni na silapha nje namhlanje, kutheni na uBukristu buyilento buyiyo nje, ngokuthetha kweLizwi. “Ke ukholo luza ngokuva, ukuva kuza ngeLizwi likaThixo.” ILizwi!

29 Ngoku, sinako ukuthabatha amaphepha siwatyhile siwabuyise umva *kanje*. Kodwa Mnye kuphela onako ukuvula iLizwi, nguKristu lowo. Kuba, baMbona embonweni, enjenge, “Mvana eyaxhelwa kwasekusekweni kwehlabathi,” akukhangela uYohane. Yaye kwakungekho mntu eZulwini wayekufanele ukuyivula iNcwadi, kungenjalo owayenako, okanye ukuwakhulula aMatywina ayo. Yaye wabona iMvana, engathi Yayixheliwe ukusukela ekusekweni kwehlabathi, Eyezayo yayithabatha iNcwadi esandleni saLowo wayehleli phezu kweTrone, yayivula iNcwadi yawanqika aMatywina.

30 Ngoku, nguYe uMbhali weNcwadi. Makhe sithethe naYe okomzuzwana nje phambi kokuba sivule eNcwadini.

31 Bawo wethu onobubele waseZulwini, ngeentliziyo ezinkulu ezinothando olunzulu siyasondela namhlanje ukuze sinikele umbulelo wethu wokudumisa nokubulela kwiGama laKho elizukileyo. Ngenxa yokuba usikhumbule kangako, “Kuba sithe sakubona ukuba sisengaboni, uKristu wafa endaweni yethu, ololungisa efela abanetyala. Ethwalele kuYe izono zethu sonke, ezisusa,” wahlawula elona xabiso liphezulu; wanelisa uThixo. “Waze wavuka kwakhona ukwenzela ukungcwaliswa kwethu, ehleli ngakwisandla saKhe sokunene namhlanje, ephila ngokungapheliyo ehleli ngonaphakade esenzela izincwino ngokokuvuma kwethu.” Owu asiKubuleli ngako ngenxa yeli themba liqinileyo sinalo! Xa konke okusingqongileyo kunikezela kuphela, nditsho nobomi obubhubhayo ngokwabo, iintliziyo zethu zimiliselwe kwelo linguNaphakade, ithemba elinoyolo.

32 Baninzi apha abaneentswelo, kusasanje, Bawo, ngenxa yomoya wabo, ngenxa yomphefumlo wabo. Siyathandaza ukuba Usindise abo bangasindiswanga. Siphe oko, Nkosi. Siphe ukuhamba ngokusondele ngakumbi kwabo bangaqinisekanga ngokubhekiselele kuWe. Kwaye siyathandaza ukuba Uphilise wonke ogulayo, ukuze kuzaliseke oko kwathethwayo yiNkosi yethu ngokwaYo, “Ezi zinto ndizenzayo Mna niyakuzenza nani.” Waze Watsho kuthi ukuthi, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi nishumayele iVangeli; nibeke izandla phezu kwemilwelwe, yaye iyakuphila.”

33 Ukubona nje ke ukuba apha kwesi sakhiwo sincinane, kusasanje, abantu abaninzi abebehamba ngeentonga zokuhamba kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, behamba namhlanje ngaphandle kwazo, ngokuqhelekileyo. Bephakanyisiwe bemiswa kukubhinqisa kwengalo

ezingunaphakade zeNkosi yethu uYesu Kristu, behamba! Abo bebesifa ngumhlaza, balapha bephilile. Abakhonzi bakho, oogqirha, bekhupha ingxelo, yokuba abasenakuyifumanisa loo nto. Imnkile. SiyaKubulela ngezi zinto.

34 Sixolele iziphambeko zethu, uzalise iintliziyo zethu ngothando. Thetha ngathi iLizwi laKho ngoku, kuba sikucela oko eGameni laKhe. Amen.

35 Ukwenzela ukukroba nje kancinane, ukuze sifumane izimvo zesifundo sethu seSibhalo kusasanje. Sona, besithetha malunga nokuqiniseka kwethemba elingaphakathi kuthi, elikhutshwe kakuhle kakhulu apha kwincwadi yamaHebhere. Emva kokufunda ngendlela awasebenza ngayo uThixo ngabantu baKhe, uSirayeli, kwimihla eyadlulayo, ngoko siyabona ukuba eloo dinga lanatyiselwa kuthi, lisinika ukuqiniseka okukhulu njengoko sibona ukuba zonke ezo zinto zenzekayo kudala ngaloo mihla zaziyimizekelo yokuba oko uThixo akwenzayo kuthi namhlanje, kubantwana baKhe abakholwayo.

36 Ke ngoku ukwenzela ukukroba nje kancinane kwisifundo seCawe edlulileyo, kwisahluko se-6 samaHebhere. Sizakuqala malunga neye-12, okanye apha kwivesi ye-13.

Kuba wathi uThixo akumbeka ngedinga u-Abraham, ekubeni bekungekho namnye umkhulu kunaye angamfungayo, wazifunga yena,

37 Ndiyaqonda ukuba abafundi bayakuyikhumbula indlela esakuthatha ngayo oko sakungenisa, ukuze sibone oko wakwenzayo uThixo, indlela Awathembisa ngayo u-Abraham ukuba Wayeya kumnika lo mnqophiso, awenze kunye naye neMbewu yakhe, ngonaphakade emva koko.

38 Kwaye uThixo wafunga ngesifungo. Nabani na ke ofunga ngesifungo, ufunga ngomnye umntu omkhulu kunokuba enjalo yena. Ngoko, uThixo wayengenamntu mkhulu kunaYe, ngokwaKhe, ukuze afunge ngaye, ngoko WaZifunga, ukuba Wayeyakuwugcina lo mnqophiso no-Abraham. Ngoko, sisiseko esiqine kakhulu eso, kuni bangcwele beNkosi!

39 Ukuba sizakusondela kulo mba namhlanje, ngendlela esezingqondweni ngenene, ngokuzolileyo, singabi namihlali. Ukholo aluze lube nemihlali. Ukholo aluze luzingxamise. Ukholo luyazi ukuba yintoni na oluthetha ngayo.

40 Awuzange umbone uMongameli wethu enemihlali kakhulu ngayo nantoni na. Xa wayemi ecaleni kwengcwaba lendoda efileyo, Wazola kanye njengoko Wayenjalo xa Wayehleli phezu kwentaba ekhangele iYerusalem.

41 Emi phezu kwenkathazo, phezu kwenqanawa ekulwandle oluzamazamisayo, amaza entlitha ebhekisa ngapha nangapha,

Wayephumle ngokupheleleyo kuThixo, kangangokuba ide ingahoyeki nokuhoyeka ngokokude imvuse loo nto. Wayehleli engahlutshwa nto, luyiloo nto ukholo.

42 Ngoku sifumanisa ukuba apha isizathu sokuba sibe asinakuhlupheka, kungokuba loo nto yanikwa ubawo wethu u-Abraham nabantwana bakhe. Yaye uThixo, Owabeka idinga, wafunga ngesifungo ukuba Uyakulingqinela aligcine. Kwaye Uyenzile loo nto.

43 Siyafumanisa ke, ukuba abantwana baka-Abraham asingabo bangamaJuda ngokwangaphandle, abo basisizwe se. . . abaphuma kumlibo ka-Abraham. Koko, ngo-Abraham kwavela u-Isake; ku-Isake kwavela uKristu; kuKristu, kwasikelelwa ihlabathi. Kuba ithe, "Ku-Abraham neMbewu yaKhe, eyayinguKristu." Ngokuphuma apho ke, kuloo nto, zonke iintlanga zomhlaba zangeniswa kulo mnqophiso.

44 Yaye umnqophiso wawunikelwe ku-Abraham ngaphandle kwemiqobo. Hayi, "Abraham, ukuba uyakwenza into ethile, ndiyakuyenza *le* nto." Koko, "Sele ndiyenzile." Yabona?

45 Asikoko kwenziwa sithi; koko Yena asenzele koko. Akukho nto inokwenziwa sithi ilingene nantoni na. Ngubani owayenokuthi kuthi, thina bangemalungisa, enze nantoni na enokulingana into phambi koYehova uThixo omkhulu, nobungcwele okukhulu baKhe obongamileyo? Yabona? Thina, inye kuphela into esinokuyenza kukwamnkela sibe nombulelo koko sele Esenzele kona. Owu, ilula kakhulu. Ayinjalo?

46 Yaye ndiqiniseke kakhulu ukuba ngamaxesha amaninzi, ekucingeni kwabantu, ukuba bazama ukwenza impiliso eNgcwele, njalo njalo, ukuvuselela okukhulu, into ethile ekude le, "Ukuba bendinokuyifumana nje!"

47 Ungakhe ucinge ngoYesu esithi, "Ngoku makhe Ndihlole ukholo lwaM ndibone ukuba ndinokholo olwaneleyo na lokuyenza lento. Ndibone ukuba akuyi kufuneka ndizile okomzuzwana na, ukuze ndibone ukuba ndinokholo olwaneleyo na lokwenza lento"? wayengacingi nokucinga ngokugqibeleleyo ngokholo Awayenalo. Wayelithetha nje, esazi ukuba kuyakuba njalo.

48 Kanye njengokuba benivela kumakhaya enu namhlanje. Ngokucacileyo niyafuna ukubuyela kumakhaya enu. Uxelele inkosikazi yakho, okanye lowo umthandayo, "Ndizakubuya, ngexesha elithile emva kwemini." Wazi njani ukuba uzakubuya? Awuzami kuthandabuza, "Ingaba ndinokholo olwaneleyo lokuphindela ekhaya? Ingaba ndinokholo olwaneleyo lokuqhuba imoto yam?" Usuka nje ngaphandle kokucinga ujije isitshixo, uqhube umnke, ugoduke. Yabona? Lukholo lokungacingi oluyenzayo loo nto.

49 Nantso indlela ekuyiyo kuKristu. Sisuka nje sithethe ngokungacingi, “LiLizwi laKhe elo. Loo nto ilungisa konke. Akusekho nto iseleyo apho,” ubheke phambili. Yiloo ndlela abafumana ngayo uncedo.

Ngoku, “UThixo waZifunga, engekho omkhulu ngaphezulu.”

50 Sizakukhawulezisa sihle, kuba umongo wethu namhlanje ungoMelkitsedeke: *UMelkitsedeke, ITshawe Elikhulu NoKumkani.*

51 Ngoku ivesi ye-14:

Esithi, Inene ndiyakuthi ndisikelela ndikusikelele, ndithi ndisandisa ndikwandise.

52 Kakade, Wayazakwandiselwa kwisizwe ngasinye. Kwaye iVangeli, ngoKristu. . . Ngoku, yayingenakuyenza loo nto phantsi kwesigaba sexesha lomthetho, ngokuba yayingekafikeleli kwindawo ezikude olo hlobo; yayisiya kwabo lwaluko kuphela, yayiliJuda ke elo. Kodwa kwimo kaMoya oyiNgcwele, Waluse yonke intliziyo, yabona, zonke izizwe. Wayezakwandisela u-Abraham kuzo zonke izizwe.

Waza ngokunjalo, enokunyamezela, walifumana idinga.

53 Sihleli kakhulu ke kuloo nto, indlela, “u-Abraham, elinde ngenyameko.” *Ukunyamezela*, kukubona (ntoni?) uThixo ongenakubonwa ngokunga Wayenokubonwa, emi phambi kwakhe. “Emva kokunyamezela kwakhe, emva kokuba enyamezele umlo onzima, walidla ilifa idinga.”

54 Ngoku ayingomnqa lowo? Kukhangeleka ngokungathi uThixo ngewayethobile wamnika idinga khona ngoko, wawenza umsebenzi khona ngoko. Wayenako ukuwenza.

55 UHana, xa wayesetempileni, yena ke wayethandaza. U-Eli waphuma, wacinga ukuba wayenxilile. Wathi ke yena, “Andinxilile, koko ndithandaza kuThixo ukuba asuse ukungcikivwa kwam.”

Wathi, “INkosi mayikunike i—isicelo sakho.”

56 Ngoku, uThixo wayenako ukubeka uSamuweli omncinane ezingalweni zikaHana kanye. Sonke siyayazi loo nto. Nguye uMdali wezinto zonke, uzithetha nje zibekho. Wayesenokumbeka engalweni kuHana. Kodwa, endaweni yokwenza loo nto, yaba yinkqubo yesiqhelo yeenyanga ezilithoba phambi kokuba usana oluncinane lubekho. Wayesenokuyenza loo nto ngokungumlingo okhawulezayo, kodwa Akazange ayenze ngokukhawulezayo. Wamnika nje idinga lakhe. Waze yena walidla ilifa idinga.

57 Xa uThixo waxelela uMoses, ekuqaleni kwakhe ukuphuma, ukuya kwilizwe ledinga, “Lonke elo dinga,” Wathi,

"Ndamnika u-Abraham kwiminyaka eyadlulayo, lonke lizaliswe ngamaFilisti nazo zonke iintlobo zabantu abakhulu abaphaya ngaphesheya, amagorha." Wathi, "Ngoku lelenu lilonke." Kwakukho ama-Amori, amaHivi, amaPerizi, nabo bonke ababekwelocala, amaHivi, amaYebhusi, amaFilisti, nayo yonke into ePalestina. Ngoku uThixo wathi, "Ndilinikela kuni. Lelenu. Ngoku yiyani kulithabatha."

58 Owu, ndiyathemba ukuba niyayibona, bantu. Yinto ethile efuna ukuba niyifumane, ukuze nibeke ukholo lwenu apho lumelwe kukuba khona. Abantu abaninzi, ngokokufumanisa kwam, banako . . . Banalo ukholo, ukuba nje bebesazi ukuba mabalusebenzise njani na.

59 Xa uBenjamin Franklin waqalayo ukufumana umbane, wathi, "Ndiwufumene. Ndiwufumene." Kodwa wayengazi ukuba yayiyintoni na leyo wayenayo.

60 Kwaza kwafika uThomas Edinson, waze wathi, "Uyakukusebenzela." Kwaye akazange akhathale nokuba yathabatha ixesha elingakanani na; wazama amashumi amawaka eengcingo. Kodwa, nangoko, wafumana ekugqibeleni ucingo olwaluyakuyithwala into yombane, kungenjalo umbane, ungene elucingweni. Wazi ukuba yayingamandla, nokuba loo mandla ayeya kusebenzela inzuzo yethu.

61 Ke ngoku sifumana usindiso, oluya kusisindisa esonweni; oluya kuthabatha oyena mfazi okanye indoda engcolileyo, inxila, ihenyukazi, limenze abe ngumntwana kaThixo. Ke, lolo kholo lunye . . . Lo mandla manye ayakuphakamisa indoda okanye umfazi owileyo kuloo nto, ayakusebenzela ngeendlela ezininzi ezahlukeneyo. Ayakuphilisa imizimba yethu, ukuba nje unokufumana indlela eyiyo yokusondela kuwo. Umelwe kukufumanisa ukuba ungayenza njani na loo nto.

62 Njengokuba, ukuba bendi—bendinefama ngaphaya *kwale*, izele yingqolowa entle, ibe sele iza kufa ngenxa yamanzi. Ndize ndiye kwiqula elitsawulayo *kweli* cala lenduli. Ke, andinako ukwenza elaa qula litsawulayo likhuphele *apha* ezantsi, aze enyuke eze kweli cala lenduli, ukuze ayinkcenkceshele. Kodwa ndimelwe kukuwuhlola loo mhlaba ndifumanise ukuba loo manzi ayakuthi ngomsinga wawo nangethuba lawo, ajikele ankcenkceshele eso silimo. Ayakuyenza loo nto ukuba ndiyakuwayeka nje ahambe ngejelo elilelawo.

63 Ukwayiloo nto inye uMoya oyiNgcwele, nedinga likaThixo. Ukuba siyakuWuvumela uhambe indlela yaWo; ingabi sithi esima endleleni, ingabi sithi esiphosa amathandabuzo ethu apho, kuba *oku* akuzange *nokuya* akuzange. Vumela nje uMoya oyiNgcwele kaThixo usebenze, uphumle wena phezu kwesithembiso, Uyakwenza kanye oko athe uThixo Uyakukwenza.

64 U-Abraham wayelixhego, enekhulu leminyaka ubudala, xa uThixo wavela kuye egameni lokuba nguThixo uSomandla. U"Somandla," apho, uvela kwigama lesiHebhere elingu *El-Shaddai,* elithetha "isifuba, kungenjalo ibele lomfazi." Ngoku wayesele emdala. Amandla akhe ayephelile. Kodwa u-*El-Shaddai* unguSomandla, "umphi-mandla." Inye kuphela into awayemelwe kukuyenza u-Abraham ukuze azuze idinga lakhe, yayikukuhlala nje kanye phezu kweso sithembiso. Ngamanye amazwi, njengosana lukunina; ancance kunina, afumane amandla osana.

65 Senza kwaloo nto inye nathi xa sisiza kuThixo size sibone idinga laKhe. Sizibeka nje kuYe size sitsale kwiLizwi laKhe, amandla kaThixo, akhutshwa ngexesha eliLelawo, singahambi ngeyethu ingcinga; siyakholwa nje kuLo.

66 "Emva kokuba wanyamezelayo, walizuza idinga." Owu, ndiyayithanda ke loo nto! Ngoku, kwaloo nto ilusebenzela yona usindiso, ikwayiloo nto eyisebenzela iMpiliso eNgcwele. Indlela awathi ngayo uThixo, ngothando lwaKhe olukhulu nenceba engaphele ndawo, wasipha ngayo oko! Ngoku:

> *Esithi, Inene . . . Ndiyakukusikelela, ndi . . . ndikwandise.*
>
> *Waza ngokunjalo, enokunyamezela, walifumana idinga.*

67 Ivesi ye-16:

> *Kuba abantu okunene bafunga lowo umkhulu kubo: sithi kuwo isifungo siphelise yonke impikiswano,* ubungqina, *sise engqinisekweni.*

68 Ngamanye amazwi, ukuba isifungo sifungiwe, ngoko iphelele apho yonke into. Ukuba uyeza uthi, "Mzalwana Branham mna, njengoMkristu, ndibeka isandla sam phezu kweBhayibhile ndifunge ngokuqinisekileyo ukuba ndiyakwenza into ethile. Ukuba uThixo undivumele ndaphila ukuze ndiyenze loo nto, ndiyakuyenza." Kulungile, ngoko kum, kuphelile konke ukuthandabuza. Yabona? Ufungile phambi kwam ukuba uyakuyenza loo nto.

69 NoThixo wafunga ku-Abraham ukuba Uyakuwugcina lo mnqophiso naye kunye neMbewu yakhe ngonaphakade. UThixo waZifunga, ukuba Uyakuyenza loo nto. Ekwenzeni oko ke . . .

70 Phantsi komthetho omdala, xa wawusenze isifungo phantsi komthetho wakudala, wawuxhela isilwanyana, usicande kubini. Ukuze amadoda amabini esithathwa ngawo isifungo, eme phakathi kweso silwanyana, baze babhale kwisiqwenga sephepha isivumelwano esithile. Size eso siqwenga sephepha sikrazulwe phakathi, sinikwe loo ndoda kunye nenye leya. Baze benze isifungo phezu kwesi silwanyana sifileyo, ukuba, ukuba bathe bawaphula loo mnqophiso phakathi kwabo, mababe njengesosilwanyana sifileyo.

71 Ngoko, uThixo, kungekho mntu wumbi wayenokufunga ngaye, WaZifunga, waza Wenza isifungo phezu komzimba weNkosi uYesu Kristu, eyibona kwangaphambili esithunzini loo nto. Emnqophisweni ke xa Wayethabatha uKristu ukumsa eKalvari, Wakrazula umzimba waKhe nomphefumlo phakathi. Waze wawuphakamisa umzimba waKhe, ukuze ahlale kwisandla sokunene saKhe; waze wathumela uMoya oyiNgcwele, ukuba ube ngaphakathi kuMkristu, ukuze enze kwaloo nto apha ngaphakathi eBandleni, leyo Wayenzayo ekuKristu ngaphakathi xa Yena wayelapha emhlabeni. Eqondakalalisa ke, ngaloo nto, ukuba Uyakusivusa ngemihla yokugqibela, ukuze sihlale naYe sibe kunye naYe eBukumkanini baKhe.

72 Kwaye, namhlanje, ukubona nje uMoya oyiNgcwele, owawuphezu koYesu Kristu, usebenza eBandleni, ungqinela yonke into awayithethayo uThixo! Kwakha ithemba elizuke njani ngaphakathi kuthi, ukucinga ukuba singabantwana baKhe, sisikelelwe ngoBukho baKhe! Yaye ngoku Ulapha kunye nathi, njengesiqinisekiso esingenakusilela sokuba Yena uyiNkosi uThixo Owabeka idinga ku–Abraham.

73 Ngoku phulaphula, umqolo we–17.

> *Uthe ngoko uThixo, enga angathi ngokukhona kugqithiseleyo akubonakalalise kwiindlalifa zedinga ukungaguquleki kwecebo lakhe, wasuka walamla ngesifungo:*
>
> *Ukuze kuthi ngezinto ezimbini ezingenakuguquleka, . . . anganako ukuxoka ngazo uThixo, sithi thina basindileyo sabamba ithemba elibekwe phambi kwethu, sibe novuselelo olunamandla:*

74 Lelinjani ukumangalisa idinga, “Izinto ezimbini ezingenakuguquleka!” UThixo akanakuxoka, aze abe nguThixo. Ngoku, ukuba uThixo wenze idinga apho eBhayibhile yaKhe, siyakukholwa yiBhayibhile ukuba iliLizwi elingenakusilela likaThixo. Yaye ukuba uThixo wenze isithembiso kule Bhayibhile, sinale ntuthuzelo yaye siyazi ukuba akunakwenzeka kuThixo ukuba axoke. Ngoko ke, xa sibona ukuba Wayithembisa loo nto eBhayibhileni, siyakholwa kuyo, ngomphefumlo, umzimba, kwanomoya. Akunakwenzeka ukuba axoke Yena. Ngoku ukuba kukho into ephazamekileyo, ikuthi leyo, hayi kuThixo. Kuba, uThixo ubophelelekile kwiLizwi laKhe, kuba Ufunge ngeLizwi laKhe. Owu, bethu!

75 Ndiqinisekile, xa sifikelela ekuyiboneni koku kuKhanya, izinto ziyaqala ukulunga zime kakuhle kunokuba besikade sinjalo. Ukuphiliswa komzimba akubi yontsomi. Kuba yinene. Ubhaptizo loMoya aluzi ngokuvakalelwa, into ethile esetyenziweyo. Liba yinene, yokuhlala koBukho beNkosi uYesu Kristu, ukuze buguqule ubomi.

76 Kubusuku obumbalwa obudlulileyo, kwinkonzo yomthandazo, kukho indoda ethe kum, “UMoya oyiNgcwele awuzange unikezelwe. . . Kuphela kukwabalishumi, okanye ishumi elinesibini, ngomhla wePentekoste.”

77 Ndathi, “Ke, ngoko, uthini ngekhulu elinamashumi amabini elalipho ngaxa linye, elaWamnkelayo? Uthini ngabaya baphaya ezantsi endlwini kaKorneli, xa iiNtlanga zaWamnkelayo? Kumashumi amathathu anesithathu eminyaka emva koko xa uPawulos wabuza a—amaBhaptizi ukuba ayemamnkele na uMoya oyiNgcwele akholwayo nje; waze wabeka izandla phezu kwawo, aze amnkela uMoya oyiNgcwele. Ebeka ibandla laseKorinte kulungelelwano, ‘Ubeka kananjalo eBandleni, abapostile, abaprofeti, abafundisi, abashumayeli beendaba ezilungileyo, izipho zempiliso,’ nazo zonke ezo zipho zimangalisayo, kwiminyaka nyaka ngaphaya kwePentekoste.”

78 Ngoko, namhlanje, Uya kulo lonke ikholwa. “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizishumayele iiNdaba eZilungileyo kuyo yonke indalo.” Kuye kumaphi? “Kulo lonke ihlabathi.” Kubantu abangaphi? “Kubo bonke abantu.” “Lowo ukholiweyo wabhaptizwa uyakusindiswa. Lowo ungakholwayo uyakugwetywa. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo: eGameni laM bayakukhupha iidemoni, baphilise abagulayo, njalo njalo.”

79 Nantso ke. Lidinga likaThixo, Awafungayo ukuba Uyakulenza. Akunamsebenzi nokuba kungakanani na okuvukayo kuzama ukwenza into efana nalo kungenjalo kuLilinganise, nokuba zingaphi na izinto ezizama ukuchasana naWo kungenjalo ukuWucima, Uyakuqhubela phambili naphambili koko, ngokungapheliyo, kuba uThixo waZifunga ukuba Uyakuligcina. Ukuba ndithe ndasilela ukuLishumayela, ndaza ndaphoxa, uThixo uyakuvusa omnye umntu endaweni yam ukuba aqhubele phambili nalo. Ukuba usilele kukuLikholwa, uyakubakho omnye umntu ozakungena endaweni yakho, ukuze akholwe liLo, endaweni yakho, kuba uThixo Uzifungile ukuba uyakuyenza loo nto. Owu, yenjani yona intuthuzelo esiyinikwa yiloo nto!

80 Into entle ke ngaloo nto, mhlobo wam onguMkristu, kukucinga, ukuba ngoku sinabo ubungqina baWo. SinaWo apha uyintsikelelo. SinaWo usemandleni. SinaWo ukwimimangaliso. SinaWo ukwimiqondiso. SinaWo usemfanekisweni. SinaWo ngayo yonke indlela awaWuthembisa ngayo uThixo, nangaphezu koko Wathembisa ukusinika wona ngako. Yaye ngokungenakusilela, uyiNyaniso. Inyaniso, ingeyiyo eyomntu, hayi inyaniso yomfundisi othile okanye isazi-nzulu, kodwa yiNyaniso kaThixo onamandla Onke. Yaye isinika ithemba elinjani Yona! Akumangalisi ukuba sibe sicula:

Ithemba alakhelwangwa ntweni
Ingelilo iGazi likaYesu, nobulungisa;
Xa konke okujikeleze umphefumlo kunikezela,
Ngoko Ulithemba lam nokuxhathisa.

Kuba, kuKristu, iLiwa eliqinileyo, simi;
Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

81 Nokuba ludumo, nokuba libandla lethu, nokuba ngabahlobo bethu, abo sidlelana nabo, nokuba ingangubani na; nokuba ngugqirha wethu, nokuba ngumpriste wethu, nokuba ngumshumayeli wethu; yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo. NguKristu, yedwa! Yaye nawuphi na umntu ekwakhe kwakho indawo afikelela kuyo kweli thafa ledabi lokuxakeka, ibe ngamadoda nabafazi abathi bema bodwa ngokoko kugwetywa ziintliziyo zabo. Xa yonke into eyenye yathi yasilela yawa ecaleni kwabo, bona bema.

82 U-Abraham Lincoln, wakudala, wayekholisekile ukuba wayesenyanisweni. Wema yedwa, koko kwakugqitywe yintliziyo yakhe, kodwa wayiqondakalalisa loo nto watywina ubungqina bakhe ngegazi lakhe buqu.

83 UYesu Kristu wema yedwa, ngomhla waKhe, njengomzekelo wokuba umntu wonke, ngokusekelezwe kwizigqibo zentliziyo yakhe zeNyaniso enguNaphakade kaThixo, oyakuthi eme angagungqi, eme, uyakuma yedwa. Kodwa, engeyedwa; ekunye noThixo! Umhlobo ongabonakaliyo Osilandela siphumele kuhambo lobomi, esihla aphumele emathunzini, amathunzi emifula yokufa, aye kungena kwiNaphakade. Uyakuhlala ehamba nathi njalo, abe nguThixo.

84 Ngoku akhelwe enini amathemba ethu ngale ntsasa? Kakade, uThixo wafunga ukuba Uyakuyenza loo nto ku-Abraham. Akazange afungele u-Abraham yedwa, koko naye yonke oweMbewu yakhe. Ngubani iMbewu? Yengu . . . Nguwe wena usifumeneyo isimemo sokuza kwiNkosi uYesu Kristu, iMbewu ka-Abraham. Ngokuqinisekileyo, bakho abantu abangabizwanga. Kodwa, kuye wonke kuni nilapha ngale ntsasa, nithe naluva ubizo.

85 Kutheni ulapha enkonzweni ngale ntsasa nje? [UMzalwana Branham unkqonkqoza epulpitini kathathu—Mhl.] Kukho into ethile ekuxelele ukuba uze. Uyazi ukuba ibingelotshaba olo, oluzama ukwenza ukuba wenze okungalunganga; oluzama ukwenza wena wenze okungalunganga, ngokuza enkonzweni. Ubungenakuyenza loo nto. Xa usiza enkonzweni, wenza okulungileyo.

86 NoYesu watsho, ngaMazwi AngawaKhe, ukuthi, "Akukho mntu unokuza kuM, engathanga uBawo waM amtsale. Yaye wonke ozayo ndiyakuMnika uBomi obungenasiphelo,

ndimvuse ngemihla yokugqibela." Yicinge loo nto, ukuba wonke umntu ozayo ngesimemo seNkosi uYesu Kristu, uthenjiswe uBomi obunguNaphakade novuko ngemihla yokugqibela; ngoYehova uThixo Owafunga ngesifungo ukuba Uyakuyenza loo nto, waze wathumela uNyana waKhe wangqinela iLizwi. Yaye Wafunga ukuba Uyakuyenza loo nto; ayibonakalalise ngomzekeliso ku-Abraham; wayizalisekisa kuYesu Kristu, Wamvusa!

Ephila, Wandithanda; esifa, Wandisindisa;
Engcwatywa, Wathabatha wesusa izono zam;
Evuka, Wandigwebela ngokukhululekileyo naphakade;
Ngamhla uthile Uyabuya, owu imini yobuqaqawuli!

87 Nantso ke. Ukugwetyelwa kwethu! Lonke ixesha usiva amagade ebetheka kwibhokisi entle yomngcwabo; kusithiwa, "Uthuthu eluthuthwini, uthuli eluthulini, umhlaba emhlabeni," ukholo lwethu lukhangela kude liyokungena kwelinye ilizwe elingaphaya, liye kufika kuloo ndawo inengcwaba elize; kuba, ngomhla othile wobuqaqawuli, Yena Lowo wathembisa ukubuya, uyakubuya. Kwaye ngokuqiniseke njengoko uYesu wavukayo kwabafileyo, siyakuvuka kunye naYe eluvukweni. Lithemba elinjani ukuba lihle esinalo!

88 Ngoku, siyehla kanye, ngokukhawuleza. Ixesha lethu liza kusishiya singekazi. Ngoku, ndiyakholwa ukuba ngumqolo we-19.

Ithemba ke esinalo ngokwe-ankile yomphefumlo, linqabile likwaqinile,. . . lingena liye ngaphaya kwesikhuselo;

89 I-ankile yomphefumlo wethu, eyaya kungena esikhuselweni, ngaphaya kwesikhuselo, yagxumekeka!

90 Uyazi, inqanawa, ngamanye amaxesha. . . Amadoda asemkhosini nabantu abanjalo, bayayazi loo nto, nani nakha naselwandle. Ngethuba, eneneni, amaza ayaqalisa ukulatyuza kakhulu kwisikhephe, baze bagxumeke i-ankile. Inentambo ke ehlayo, yiyo ke eyibambayo. Loo nto ke ingayenza iphephukele *kweli* cala, ijike iye *kweliya* icala, kodwa la ankile iyayibamba. I-ankile! Abawuboni umhlaba, naphi na. Kodwa bathoba i-ankile ngaphaya kwesikhuselo, esingamanzi sona, ize loo ankile ihle ibheke kumazantsi olwandle, phezu—phezu kwentaba ethile enkulu kwindawo ethile. Iyatsaleka ide iyokuxhathisa phezu kwaloo ntaba, ibambelele ingene kwimfanta apho, luze lulonke ulwandle lungabi saba nakuyishukumisa. Igxunyekwe i-ankile, kwindawo engabonakaliyo.

91 Yaye wonke umntu omamnkeleyo uYesu Kristu njengoMsindisi wakhe, wazalwa ngokutsha ngoMoya

oyiNgcwele, ugxumeke i-ankile. Ukuba uyagula, ithemba lakho lakhelwe kuKristu, uyigxumekile i-ankile yakho. Ugqirha usengathetha *oku*, *okuya*, kungenjalo *okunye*; kodwa, uqiniseke kangangoko ukholo lwakho lukhangele ngaphesheya! Amaza, ukuntlitha kokugula, umkhuhlane ungavuka, nayo yonke into enjengaleyo, kodwa i-ankile yakho ibambelele ngaphakathi kwesikhuselo.

92 Kwindawo ethile phaya ngaphesheya kwilizwe lommangaliso, bathi, "Uwakhele enini na amathemba akho? Ugqirha uthe kuphelile. Iyeza lithi akukho nto linokuyenza. Ugqirha wezotyando usilele." Kodwa amathemba am akakhelwanga phezu kwaloo nto.

93 Ithemba lethu esinalo lingaphakathi kwekhuselo. Eliphi ikhuselo? Liphumela ekuphalazweni kweGazi laKhe, elathi lakrazula uMoya waKhe wesuka kumzimba waKhe. Kwaye, phakathi naphakathi kwelo khuselo lilapho, i-ankile ithe yabamba iNto ethile.

94 Ndakhe ndayibona inqanawa, ngaxesha lithile, xa yayivuthuzwa phaya. Ndaza ndacinga, "Yintoni ebambe laa nqanawe kulaa ndawo inye?" Ndandingaqondi. "Ihleli phaya phakathi elwandle?" Ndaza ndawaqaphela amaza ayeyithwala ayijikelezisa *kanje*, aze ayibuyisele emva *kanje*, kodwa ayizange ishukume isuke kuloo ndawo. Kwakungekho nto ndiyibonayo. Kodwa kwakukho ucingo oluncinane, intambo, eyayisihla ukusuka kwisiqu saloo nqanawa, yaya kutsho kwi-ankile eyayibambelele kwinto ethile ngaphaya kokwam . . . apho ndandingena kubona khona, ngaphaya kwamanzi, yaye yayibambelele apho. Ndaze ndathi, "Makabongwe uThixo!"

95 Yaye, ngenye imini, ndafumana i-ankile. Ndafunda apha phantsi, Yayisithi, "Nabani na othandayo makeze." Ndaze ndagxumeka loo ankile ngaphaya koko ndandinako ukukubona. Kwabakho into eyabambayo. Yaye xa idabi ligquba, i-Ankile ibambelela ngaphakathi kwekhuselo. Xa abagxeki abangakholwayo bevela, neenkathazo zivele, nako konke okundingqongileyo kunikezela, i-ankile yethu ibambelela ngaphaya kwesikhuselo. Siphi ke sona? Andazi. Kodwa singaphaya kwesikhuselo kwindawo ethile ngaphesheya, igxunyekwe kwiLiwa laPhakade. "I-ankile yethu iqinile, ayinakushukunyiswa. Ibambelele ngaphakathi, ngaphaya kwesikhuselo."

Ithemba ke esinalo ngokwe-ankile yomphefumlo, linqabile likwaqinile, . . .

96 "Linqabile likwaqinile." Owu, ukuba nje bebenexeshana elithe chatha, ukuze sifumane ukuba *isiqiniseko* sithetha ntoni na. "Ukuqiniseka," yinto ethile oyaziyo, yaye isisiqiniseko sakho. Yintoni isiqiniseko? "UThixo wafunga ngesifungo ukuba Uyakuyenza loo nto." Naso isiqiniseko.

97 Apha kwixesha elithile eladlulayo, indoda yeza kum, yaze yathi, “Billy, ndifuna ukukuthengisela i-inshorensi.”

98 Ngoku, i-inshorensi ilungile. Andinayo, okwam. Ndiyaqonda ukuba ndiphumele ekuyibaxeni malunga nayo. I—Inkampani ethile yaqhatha usizana olungutata, ngaxesha lithile, ngento eninzi, kuba wayengafundanga kakhulu ukuba abe nokuyifunda into ebhaliweyo malunga nayo. Negqwetha lasePhiladelphia alizange libe nakuyifunda ngendlela ethe ngqo enye, phofu. Ngoko wathi. . . Wathi umthengisela le inshorensi. Waza wayihlawulela, esenzela umntakwethu kunye nam, isithuba samashumi amabini anesibini eminyaka. Yakufika, kwathiwa, “Iyakuxabisa amakhulu amahlanu eedollar ekupheleni kwelo xesha.” Waphumela kwixesha lengcinezeleko lezinto ezinjalo, usizana lomfo omdala esebenza! Ekupheleni kwalo, basixelela ukuba yayifundwe ngokungekuko loo polisi. “Yayixabisa iidollar ezisixhenxe ezinamashumi amahlanu eesenti.” Ngoko, yandenza buhlungu kancinane. Ngoku, azinjalongo zonke. Bakho abameli bee-inshorensi abahleli apha ngoku.

99 Ngamaxesha amaninzi, abantu bezile bathi, “Billy ndifuna ukukuthengisela i-inshorensi.” Ngoku, ndiyaqonda ukuba yinto entle ngokugqibeleleyo leyo.

Ndathi, “Khangela, ndinayo i-inshorensi.”

100 Wathi yena, “Luhlobo luni lwe-inshorensi olu unalo?” Wathi, “Yeyiphi le polisi unayo?”

Ndathi, “BuBomi baPhakade.”

Wathi yena, “UBomi baPhakade?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Wathi, “Zithengiswa ngubani ezo polisi?”

Ndathi, “YiNkosi uYesu.”

Wathi yena, “Unayo ke i-inshorensi?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Wathi, “Hlobo luni lwayo, eneneni? Yintoni, Billy?”

Ndathi, “Yi-inshorensi.”

Wathi, “Intoni?”

101 Ndathi, “Isiqiniseko esizukileyo, uYesu ungowam! Owu ukungcamla ubuqaqawuli obuNgcwele!”

102 Wandigona ngeengalo zakhe; iqabane lasebukhwenkweni. Sasimi kanye apha ngaphaya kwesitrato. Wathi, “Billy, leyo ayiyikukufaka emangcwabeni apha phezulu.”

103 Ndathi, “Ndiyayazi loo nto. Kodwa Iyakundikhupha. Andihlupheki ngokungena phaya. Koko iyakundikhupha Yona.” Injalo loo nto.

104 Ndandicinga nge-inshorensi yam xa ndandigula, kodwa ayizange indisebenzele nto. Kodwa, eyam i-inshorensi kaYesu, ndandine-ankile, "eqinileyo," i-inshorensi awathi, "uThixo waZifunga," Wagcina iLizwi ngalinye Awalithembisayo.

105 Xa uMayo wathi, "Akusekho themba kuwe," kungekho themba kum lakuphila; ndandinokurhoxoza okwakuza kundibulala ekugqibeleni. Kodwa i-ankile yam yabambelela ngaphaya kwekhuselo. "Ke, ubona ntoni?" Andazi ukuba ndibona ntoni na. Ikho into endiyaziyo.

106 Nantso eyona nto ibalulekileyo. Uyayazi. Akungamisebenzi. Kungokholo. Siyakholwa kuyo.

107 Hlobo luni lwesiqiniseko awayenalo u-Abraham ebuya kwagqirha, kwezamachiza ezimanyeneyo zase-U-re, okanye nakweyiphi na enye indawo? Xa wayenekhulu leminyaka ubudala, noSara enamashumi alithoba, babezakufumana usana. Kodwa i-ankile yakhe yayibambelele ngaphakathi kwekhuselo, kuba uThixo wamnika idinga waza yena waphumla phezu kwalo. "Wazibiza izinto ezazingekho njengokungathi zazikho," ngokuba esazi ukuba uThixo wayenako; yiyo le, uThixo wayenako ukwenza oko Wayekuthembisile.

108 Wenza ihlabathi. Wenza mna. Wenza yonke into. Wenza wena. Wenza bonke, yonke into, ngeLizwi laKhe. Kwaye iLizwi laKhe liyakwenza kanye oko Lithi kuthethwa nguYe, Liya kukwenza.

109 Ngoku, owu, indlela, lelinjani ithemba! "Ithemba esinalo, isiqiniseko sethemba, elingaphakathi kwekhuselo."

110 Kufanelwe sikhawulezise ngoku ngokuba sinomgca omkhulu wokuthandazela ozayo.

111 Qaphela, "Nokuba kuphi na . . ." Owu, bethu! Kulungile, khangela, wonke umntu ngoku. Umqolo wama-20, khangela nje oku.

Apho umanduleli uYesu wangena khona ngenxa yethu, wangena, *noYesu,* . . .

112 Umanduleli wantoni? Umanduleli wosindiso lwethu, enyameni nangokwasemoyeni. "Kuba Wahlatywa, ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa, ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu kwaKhe, ngemivumbo yaKhe saphiliswa." Umanduleli wosindiso lwethu sele engene ngaphakathi kakade. "Isiqiniseko, sele engene, nkqu uYesu."

. . . ngokohlobo lukaMelkitsedeke waba ngumbingeleli omkhulu osa ephakadeni.

113 Ngoku siza kufikelela apho ndifuna ukuba ufike khona lo mxholo ngokukhawuleza okukhulu ngoku singene kuwo.

114 Onke la madinga makhulu, siwanciphisa ehle abe kwinto enye, ekukuthi, “UYesu, umanduleli wethu, WayeyiMbewu ka-Abraham,” ngoMoya oyiNgcwele usibizele kweli themba linoyolo sinalo ngoku, “i-ankile yomphefumlo, eliqinisileyo eliqinisekileyo, kugxunyekwe i-ankile phakathi kwekhuselo.” Lo Yesu, enziwe waba ngumanduleli, owayekuhlobo lukaMelkitsedeke.

115 Ngoku, le Ndoda ibalulekileyo, uMelkitsedeke, sifuna ukuthetha ngaYo okwale mizuzu imbalwa ilandelayo. Singxame, le mizuzu ilandelayo ilishumi okanye ishumi elinesihlanu.

116 Ukuze ke, ibe ngumgca wokuthandazela, wakhe ukholo lwakho ngoku. Musa ukuvumela umtyholi akuphange nantoni na. Ulapha ngale ntsasa, kwisakhiwo esincinane, apho uThixo Onamandla onke ayakuthi angene kule ndawo yokuhlala ithobekileyo ilapha. Uthi, “Ikhangeleka iyinto embi kakhulu leyo.” Kodwa Weza esitalini.

117 Uyakuza nakwiyiphi na intliziyo ethobekileyo eyakuvula ithi, “Ewe, Nkosi Yesu, ndiyakholwa liLo. Ndisenokuba andiliqondi kwa ukuLiqonda, kodwa ndiyakholwa liLo, nangoko.”

118 Elithemba lizukileyo sinalo, “UKristu, umanduleli, sele ezile.” Uyazi ukuba yintoni na umanduleli? Yinto ethile ebaleka ngaphambili, kungenjalo ihamba phambi kwento ethile. UKristu, engumanduleli, ngoko, usindiso lwethu, weza emhlabeni; ukuze abe ngumzekelo weBandla, ukuthi iBandla lalizakugqibezela imisebenzi yaKhe, okanye liqhubele phambili imisebenzi yaKhe, emva kokuba Wayeligqibile ukulenza idini laKhe eKalvari. Uyayibona? Qaphela.

119 Ngoko, Wazalelwa ekuthobekeni, kanye emkhombeni wesitali. Kwahlekiswa ngaye; njengokuba bekunokuba njalo kuwe, okanye nabani na ongomnye oMkhonzayo. Kodwa ngethuba wayephezu komhlaba Yena, “Ngulowo wayengakhethi buso bamntu,” wathanda bonke. Yena, Waphilisa bonke. Wasikelela bonke. Wenzela okulungileyo naphi na apho Waya khona. Wanikela ngobomi baKhe njengedini; wafa, wangcwatywa. Wavuka, wenyukela phezulu, njengomanduleli kuthi.

120 Yaye kwaloo Moya wawuphezu kwaKhe ubuyile ukuze ube kunye neBandla, ukuze ulikhokele uLibonise. Ethetha, “Kusaya kuba mzuzwana ihlabathi lingabi saNdibona. Ukanti, niyakuNdibona nina, kuba Mna . . .” “Mna” isimelabizo soqobo. “Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheleni kwehlabathi.” Njengokuthi, ukukhokelela iingqondo zethu kwidini laKhe elikhulu elongamileyo, njengomanduleli wethemba lethu elizukileyo esinalo ngaphaya kwekhuselo ngoku.

121 Ngoko, ngokholo siyakholwa liLo. I-ankile yethu iphumela ngaphaya, yaye iincam zaYo, ziseLizwini likaThixo, ukuze zinamathele ngaphaya kwekhuselo. Yaye, umgca wokuthandazela onqumla apha, ubambelele ngokuqinileyo kulo idinga. "Ningahexi, niwexulwe, nguwo wonke umoya wemfundiso. Koko niqine, ningashukumi, nihlale nihleli elubabalweni lweNkosi, nisazi nje ukuba ukubulaleka kwenu akulambathi eNkosini." Elinjani lona ithemba!

122 Ngoku, lo Melkitsede, uthetha nje ngaYe apha, kanye ngokuphuma . . . UPawulos ethetha kumaHebhere, ngeTestamente eNdala, umzekeliso.

123 Masityhile phaya emva kwiGenesis, isahluko se-14, sifunde kancinane phambi kokuba siqhubele phambili, wayenguBani lo Melkitsede. Sifunda kwisahluko se-14 seGenesis, umqolo we-14, ukuqalisa.

124 U-Abraham, uyazi, wayebizwe ephuma kwelamaKaledi, kumhlaba wase—wase-Ure . . . isixeko sase-Ure, gxebe, kumhlaba wamaKaledi. Waze uThixo wamxelela ukuba, "Zahlule kubantu bakowenu, uphume ecaleni." Mandiyigxinisisise loo ndawo.

Owu, ukuba besinexesha elithe chatha loku, namhlanje! Lifutshane kakhulu.

125 "Zahlule kubantu bakowenu, uphume ecaleni, yaye Ndiyakukusikelela." Yabona?

126 Ukuze uzuze kwa eli dinga u-Abraham analo, unyanzelekile ukuba uzahlule kulo lonke unxibelelwano nehlabathi, zonke izinto zehlabathi. Iminqweno yakho yesono, iinkanuko zakho, ukuvakalelwa ngokwehlabathi, nazo zonke ezi zinto, zahlule kuloo nto. Yima ecaleni, ungene kwilizwe lasemzini, ilizwe ongazange ube kulo ngaphambili, ukuze ungahambi ngakubona, koko ngokholo.

127 Kuba, u-Abraham akukho nto wayenayo. Kwaye, khangela, yena . . . Akukho mntu wayekhe wawuwela loo mlambo um-Efrati waya kuba ngumphambukeli kweli lizwe. "Kodwa u-Abraham, ngokholo, washiya okukokwakhe, wahamba wabheka phambili, ezahlula."

128 Njengegazi likaYesu Kristu, namhlanje, ngoMoya oyiNgcwele, liyasahlula kwizinto zehlabathi, ukuze sihambe kubomi obutsha; sigxekwa, kuhlekiswa ngathi, sibizwa ngokuba "ngabaqengqeleki abangcwele," singaqondwa, kodwa i-ankile ibambelele.

129 AmaHebhere 11 athi, "Bazula-zula ngeengubo zegusha neengaga zebhokhwe, bezindwayinge, kwiindawo ngeendawo, kuba babekholwa ukuba babezingela uMzi oMenzi noMakhi waWo unguThixo." Kukho into ethile ngaphakathi kubo,

eyabaxelelayo, “Likho iLizwe, iSixeko, esiMenzi noMakhi waSo unguThixo. Baze bakhangela sona, bengazi ukuba babesiyaphi na.”

130 Nantso indlela ekuyiyo kumhambi ngamnye namhlanje. Ukhangela into ethile angenakubeka isandla sakhe phezu kwayo, kodwa uyabubona ubungqina bokuza kwaYo bumjikelezile. “Yintoni eyenze ukuba ndenze *oku*? Yintoni eyenze lo mfazi usisiqhwala ukuba ahambe? Yintoni eyenze ukuba laa mfazi uqhwalelayo ahambe? Yintoni eyenza eli qhuma limnke kulaa ndoda? Yintoni eyenze umhlaza umnke kulaa mfazi? Yintoni eyenza ezoo ndlebe zingevayo zivuleke ngobunye ubusuku, apha, enamashumi asibhozo anesibini ubudala? Yintoni eyenza loo nto?” Zizibonakalaliso zamandla angaphezu kwendalo, zokuba i-ankile. . . Eso Sixeko siMenzi noMakhi waSo unguThixo, sikhangela sona, singekabi nakusibona apho Sikhoyo, kodwa ikho into ethile eyi-ankile ebambeleleyo phezulu phaya. “I-ankile engaphakathi kwekhuselo. Amathemba ethu athe nkqi, akanakushukunyiswa.”

131 U-Abraham walishiya ilizwe ke, waphambukela, wazibiza ngokuba ungumhambi nowasemzini.

132 Kwaye, khangela, u-Abraham, njengomntu ofayo; hayi umntu ongenakufa, hayi umntu ongenakwenza siphoso, kodwa wathi rhoqo esenza iziphoso. Kodwa kwakungenamsebenzi nokuba zingaphi na iziphoso awazenzayo, i-ankile yakhe yayisabambelele, kuba wayenedinga.

133 Ngoko, wathabatha kunye naye, uSara. Wathabatha uLothe. Wathabatha utata wakhe. Yaye okoko babehamba kunye naye, uThixo akazange abe nakumsikelela. Ixhego ekugqibeleni labhubha, baze balingcwaba. Wahamba wenyukela kancinane ukuya phambili, uLothe wakreqa. Kwaye niyazi ukuba kwenzeka ntoni na apho. Waze ke wazahlula kuye. Ngoko uThixo wavela kuye kwakhona, wathi, “Ngoku, Abraham, khangela kuwo wonke umhlaba. Ungowakho wonke.” Xa wathi wazikhethela ngendlela eyiyo. Nantso ke. Zahlule kuyo yonke into.

134 Kuza kufuneka ndiyithethe lento. Khangela. Ndiyathemba ukuba Izakufikelela emazantsi, kuba andikhange ndiyicinge, ukuyicinga kwangaphambili.

135 Mhlawumbi naso isizathu sokuba abanye kuthi babe abahambi kakuhle kakhulu. Sibambelela kwizinto ebezimelwe kukuziyeka zimnke, ekuzahluleni. Ukuthandabuza okuncinci, ukundindiza kancinane, ukukrokra: “Ingaba Ilungile na. Inganjalo na le Nto? Inganjalo loo Nto? Ingathini ukuba njalo lento?” Khululeka, ngale ntsasa!

136 AmaHebhere 12:1. athe, “Masibekele bucala wonke umthwalo, naso isono esinokusirhawula ngokusisisulu.” I

“sono,” yintoni leyo? Ku “kungakholwa” nantso into esirhawula ngokusisisulu. “Silubaleke ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu, sikhangele kuKristu imbangi nomgqibelelisi wokholo lwethu.”

137 Qaphela u-Abraham. Ngoko, wangena enkathazweni, uLothe wehla waya eSodom naseGomora. Niyalazi ibali.

138 Sizakukhawulezisa, sixinekile. Asinakufikelela kulo. Umqolo we-14.

139 Into yokuqala ke uyazi, bonke ookumkani beeNtlanga behla baya apho, bangena eSodom baxhwaya imfazwe, bathimba uLothe, nomtshana ka-Abraham, bamthabatha, inkosikazi kaLothe, nabantwana, nabanye babo bonke, balishiya eloo lizwe.

140 Waze omnye wookumkani baseSodom, eqala ukubaleka, waya kutshona kwintibilili yodaka phaya ngaphandle, wawa wafa. Olo ludaka yiloo nto babesenza ngayo izitena nodaka lwazo, bakhe ngayo izixeko zabo.

141 Ukwenzela nje ukufunda kwangaphambili lento. Ungayifunda wakugoduka. Kodwa ngenxa yexesha ukuba lincinane, kuza kunyanzeleka ukuba sikhawulezise. Umqolo we-14:

> *Weva ke u-Abraham ukuba uthinjiwe umzalwana wakhe,. . .*

142 Umzalwana, ndiyayithanda loo nto, “Umzalwana wakhe,” uze ukhangele ke ukuba uLothe wayemenze ntoni na! Kodwa nangoko, kwakukho uhlobo oluthile lweqhina olwalubopha, kube umzalwana wayekreqile. Njengalo mfana ebesandula ukuthetha kumzuzwana odlulileyo, lo mlungiseleli uselula, ukuba ebekreqile wemnka. Ukanti, ngandlela ithile, uMoya oyiNgcwele usambiza loo mntu. Xa esenkathazweni, Ukho apho kunye naye.

> . . . oka-Abraham *umzalwana uthinjiwe, waxhobisa amadoda akhe aqeqeshiweyo, azalelwe e. . . azalelwe endlwini yakhe, angamakhulu mathathu aneshumi elinesibhozo, wasukela waya kufika kwaDan.*
>
> *Wawahlula-hlula, wabawela ebusuku, yena nabakhonzi bakhe,. . . wabagxotha, wabasukela wasa eHobha, engasekhohlo. . . kweDamasko.*

143 U-Abraham wathabatha bonke abakhonzi bakhe namadoda axhobileyo. Cinga nje ngendoda eyayikade ingumngqibi ekushiyeni kwayo ilizwe ezantsi phaya kwelamaKaledi, ase-Ure, yayinamakhulu mathathu aneshumi elinesibhozo lamadoda axhobileyo angabakhonzi. Uthi uThixo akakakusikeleli? “Amakhulu amathathu aneshumi elinesibhozo.”

Uthi, “Ke, ingaba kunjalo?”

Nantso into eyathethwa siSibhalo. Wayenabakhonzi abaneleyo bokulwa nomkhosi. Waza weyisa! Qaphela, “Waza wezisa . . . ” Wabasukela; wathabatha yonke into ababenayo.

Waze wa . . . wazibuyisa zonke iimpahla, kwanoLothe umzalwana wakhe, wazibuyisa iimpahla zakhe, kwanabafazi, nabantu.

Waphuma ukumkani waseSodom esiya kumkhawulela ekubuyeni kwakhe ekutshabalaliseni . . . nookumkani ababenaye . . . e— entilini . . . eyintili yookumkani.

UMelkitsedeke ukumkani waseSalem waphuma enesonka newayini, wamnika: *ube ngumbingeleli kaThixo osenyangweni.*

145 Emva kokuba bonke abakumkani beNtlanga babengenile bathimba umzalwana wakhe, u-Abraham wathabatha abakhonzi bakhe, wasukela emva kwabo wehla wabafumana; waze wabuya (wabatshabalalisa aboo kumkani), wabuya nabo.

146 Ke, qaphela, ukumkani waseSodom waphuma. Ukumkani waseGomora wayebulewe. Kodwa ukumkani waseSodom waphuma, weza naye, waze wathi apha, “Zonke izinto o—ozithabathileyo, abathe abantu bazithabatha bemnka nazo, ndiyakukunika.”

147 Emva kwethuba, kwesi sahluko, sifumanisa ukuba u-Abraham wathi, “Andisayi kuthatha nomsonto, nomtya wembadada; hleze uthi umtyebisile u-Abraham.”

148 Kodwa ingcinga esifuna ukufika kuyo, yile ilapha kanye.

UMelkitsedeke ukumkani waseSalem waphuma enesonka newayini: ube ngumbingeleli kaThixo osenyangweni.

Wamsikelela, wathi, Makasikelelwe u-Abraham nguThixo osenyangweni, umnini-mazulu nehlabathi:

Wamsikelela waze . . .

Makabongwe uThixo osenyangweni, obanikeleyo ababandezeli bakho esandleni sakho. Wamnika isishumi sento zonke.

149 Ndiyayithanda loo nto. Qaphela ngoku, emva ko-Abraham, umfanekiso ongowomoya apha, u-Abraham; “Umzalwana wakhe” owayelahlekile. Umfanekiso weBandla lenyaniso, okanye ikholwa lenyaniso kuThixo, elisikelelweyo nguThixo, linalo idinga likaThixo, linawo umnqophiso kaThixo, linokholo kuwo umnqophiso.

150 Ngoku cinga. Ukuba uyakubala apha, kwakukho malunga neshumi elinesihlanu lookumkani abaphumayo apho, yaye, ngeliphandle, bangaphi abakhonzi ababenabo?

151 Kodwa u-Abraham wabala abo wayenabo ababethembekile, “abazelelwe endlwini yakhe.” Owu, bethu! Abathembekileyo, “abazelelwe endlwini yakhe.”

Yayingabakhonzi bakhe awabalusayo, ababebalelwe kwakweloo dinga linye wayelilo. Waze walanda umzalwana wakhe okreqileyo, wasukela eneqelana lamadoda, angamakhulu amathathu aneshumi elinesibhozo lamadoda; wasukela aboo kumkani, waboyisa, wabathabatha wababulala. Wabuyisa yonke into eyayilahlekile.

152 Ngumfanekiso ogqibeleleyo kaKristu! NeBandla ke, uMoya oyiNgcwele ekhokela abathembekileyo abazalelwe kwakuloo ndlu inye yoMoya oyiNgcwele apho uKristu wazalelwa khona, besukela abaphume endleleni abakreqileyo. Babulale yonke into engcolileyo ethe yabayoyisa. Amen! Boyise isono, babekele bucala wonke umthwalo. Bethetha nabantu malunga nenkanuko yabo nezinto abazenzayo; baqhawule loo nto! Ukugula kwabo konke; beshumayela kubo iVangeli, bababuyisele kubudlelane obuzeleyo noThixo.

153 Qaphela, waze wabuya, uMelkitsedeke wamhlangabeza. Yayingubani lo Melkitsedeke? Qaphela ke, into yokuqala, ngoku. UMelkitsedeke akazange amnike mali. UMelkitsedeke inye into awamnika yona "sisonka newayini." UMelkitsedeke wayenguMbingeleli Wonamandla Onke; uKumkani weJerusalem.

154 Yayibizwa ngokuba yiSalem ngoko yiyo le ekaCoruden. Ndiyicingile, ukuba ingahle ibuzwe emva koko, ndinako ukuyiqondakalalisa, laa Jerusalem yayiyiSalem kuqala. J-e-r-u-s-a-l-e-m, yabona, Salem, Jeru-salem. Yabona? Yayibizwa kuqala ngokuba yi H-i-r-u-a-m, Hieru salem, injalo loo nto, ekubeni, ngoko yayisezandleni zeNtlanga. Owu, ndiyathemba ukuba niyayifumana lento ngoku. IJerusalem yaqala yaselulawulweni lweeNtlanga.

155 "Waze uKumkani weJerusalem, okanye iSalem, eyayithetha ukumkani woxolo, uKumkani wobulungisa, wahlangana no-Abraham ekubuyeni kwakhe. Waze wamnika," umthendeleko, "isonka newayini," kumawaka eminyaka, okanye amakhulu eminyaka, ngaphambi kokuba isonka newayini zibe zaba ngumiselo eBandleni. Yaye Yena wayenguKumkani weJerusalem. Amen.

156 Yayingubani le Ndoda ibalulekileyo? Sibuyela emva kumxholo wethu ngoku, ivesi ye-7 . . . okanye, isahluko se-7.

Kuba lo Melkitsedeke, kumkani waseSalem, mbingeleli kaThixo osenyangweni . . .

157 WayengengoKumkani kuphela, koko wayenguMbingeleli.

. . . wahlangabezanayo no-Abraham ebuya evela ekubulaleni ookumkani, wamsikelela;

158 Iintsikelelo zivela kuphela kumntu ongentla. Khangela. "Awathi u-. . . "

Awathi u-Abraham wamabela nesishumi sezinto zonke; esithi okunene ukuqala ukuthetha ngentetho

evakalayo nguKumkani wobulungisa kodwa kamva . . . abe nanguKumkani waseSalem, oko kukuthi, nguKumkani woxolo;

159 Yayingubani le Ndoda ibalulekileyo, kude, kwiminyaka emininzi eyadlulayo? Yayingubani Yona? Phulaphula. Masifunde sibhekele phambilana ngaYo.

engenayise, engenanina, . . . engenasiqalo samihla, engenasiphelo sabomi; . . .

160 Ukuba Wayengenayise, Wayengenanina, Wayengenasiqalo samihla okanye siphelo sabomi, uMelkitsedeke usekhona nangoku. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] "Enziwe wafana . . . Engenayise, nanina."

. . . enziwe wafana naye uNyana kaThixo; lo uhleli engumbingeleli ngokungapheliyo.

161 Akangekhe . . . Wayengenasiqalo. Akanasiphelo. Wayengenayise. Wayengenanina. Ukanti, WayenguMntu, yaye Wayevela eSalem. Uxolo, WayenguKumkani woxolo. WayenguKumkani wobulungisa.

162 WayengengoKumkani kuphela, koko WayeliTshawe. Yaye UliTshawe loXolo. UnguMfiyo waseSharon. UyiNyibiba yaseSihlanjeni; iKhwezi loKusa; u-Alpha, u-Omega; Lowo Wayekho, Lowo Ukhoyo, naLowo Uyakuza; kokubini iNgcambu neNzala kaDavide. Wayengaphambi koDavide, ekuDavide, nasemva koDavide.

163 Yayingubani lo Mbingeleli? Akukho wumbi kuneNkosi uYesu Kristu engenweyo, esekuqaqambeni kwamandla aKhe. Yayisekwanguye Lowo, kwithutyana emva koko, emva kokuba Wayehlangabeze u-Abraham. Waza wamnika, njengoko yayingabantu bomnqophiso, umthendeleko. Ngoko, ngoku, kwangaloo mnqophiso mnye, sithabatha . . . Kwaye Yena wayekwisithunzi. UMelkitsedeke, xa wathi WanguMntu wenyama, wayeya kunqanyulwa ngokuyinxenye. Kuze kunikezelwe ngomthendeleko, ivumba elimnandi lomzimba waKhe owaphulweyo, njengoko siwuthabatha namhlanje.

164 Apho lo Melkitsedeke wahlangabeza u-Abraham, waze u-Abraham wahlawula izishumi kuYe. Amen. U-Abraham, eyona ndoda ibalulekileyo ebusweni bomhlaba, yahlawula isishumi kuMelkitsedeke: uKumkani woxolo, uKumkani waseSalem, uKumkani wobulungisa.

165 Yaye WayeliTshawe. Kwaye Waye—WayeliTshawe. WayenguKumkani. Yaye WayenguMkhonzi Wonamandla Onke, wayenjalo uYesu.

166 Waze xa u-Abraham, kwiminyaka embalwa emva koko, okanye kungekudala emva koko, xa uLothe wakreqayo, iSodom yayitshisiwe. Waze u-Abraham washiyeka yedwa, kunye noSara, bengaphandle kwimihlaba ebharhileyo. Xa

kwakukho . . . Iinkomo zabo zonke zazisifa, zibulawa yindlala. Kwakhangeleka ngokungathi uThixo wayesilele kuye. Kodwa wayenokholo olomeleleyo, lokukholwa.

167 Ngenye imini ke wayehleli emnyango wentente yakhe, phantsi kom-oki omkhulu. Usemi njengesikhumbuzo namhlanje, njengoko warhawukayo ngaphezulu, wema. Apho ke, u-Abraham, wayehleli emnyango ententeni yakhe, wabona uMelkitsedeke esiza kuye; aMadoda amathathu ehamba.

168 Yaye ingathi ndiyambona nje u-Abraham esithi, "Ndakhe ndaMbona ngaphambili." Nanko Enyuka esiza ke. Waze wathi, "Mandithi nje . . . Dlula ngapha, Nkosi yam, ndikuphathele intwana yamanzi ukulungiselela iinyawo zaKho." Ngandlela ithile, emazantsi kanye, laa ndoda yomnqophiso, emazantsi entliziyweni yayo, yayisazi ukuba yayinguMntu othile Lowo ongaphezulu emntwini.

169 Wathi, "Siziindwendwe." Wathi, "Sivela kwilizwe lasemzini." Impahla zabo zazinothuli. Ewe, Babenjalo, besuka kude kakhulu eBuqaqawulini. Ke ngoko Bahamba benyuka apho, baze bathi ku-Abraham . . . Bawaphathela intwana, bahlamba. Waze u-Abraham waqala ukujonga kubo.

170 Wanyebelezela wangena ngemva ententeni, wathi, "Sara, khawume apha okomzuzu." Nanko ebaleka esiya emhlambini, waze wafumana elona lityetyisiweyo wayenokulifumana ithole. Walixhela, wabuya nalo.

171 Waze wayinika le Ndoda inyama, nesonka, nobisi, nesonka samasi. [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] . . . yadla.

172 Ngoku, xa uMelkitsedeke, uKumkani waseSalem, uMbingeleli Wonamandla Onke, uKumkani woxolo, ekungekho wumbi ngaphandle kwenxenye yangaphambili yeNkosi uYesu Kristu. Yaye wathi Akuhlangabezana no-Abraham, Wondla u-Abraham ngomthendeleko wamsikelela. Nguye lo ke, u-Abraham, ehlangana naYe ekuhambo lwaKhe eSodom, waze waMdlisa inyama nesonka.

173 Owu, awuluboni unxibelelwano phakathi kwaloo madoda? Wayethembisile. Isonka sethu namanzi siqinisekile. Kwaye uThixo uyakuyenza loo nto, ngokuqiniseke kanye njengokuba sihleli apha. Kwaye lonke idinga eliNgcwele Alenzileyo, Unyanzelekile ukuba alenze.

174 Kwaye xa iiNgelosi ezimbini zehlayo zabhekisa eSodom, u-Abraham wema apho. Wabheka-bheka, ekunye naloo Ndoda. Wathi, "Ukuba ndifumene abangaka, nabangaka," njengoko waqhubela phambili esitsho, wehla waya kufika kwishumi. Yaze yathi Ekumnkeni kwayo; ngoko loo Ngelosi, okanye loo Ndoda yayimi phambi kwakhe, yaphela emehlweni, yanyamalala, ecaleni kweloo dini. Waze u-Abraham wathi, "Ndithethe ubuso ngobuso noThixo Onamandla onke." UMelkitsedeke, yaye, nguKristu ekwimihlaba yakwangaphambili.

175 Kunjani, zihlobo, ngale ntsasa, ukuba besinokuthabatha eli khuselo silisuse apha, eli liphambi kwamehlo ethu, njengoko inyama isimfamekisile, sikrazule elaa khuselo liphaya emva *ngolu hlobo* sikhangele kanye ngaphaya komkhusane wexesha, ukumangaliswa nje ukuba bekuyakuba yintoni na. Ndandidla ngokucula iculo elincinane:

> Ndiyagula entliziyweni, ndifuna ukubona uYesu
> Ndifuna ukuva iintsimbi ezimnandi zonxweme zikhala.
> Ewe, ukuba ndinokuMbona nje, ndikhangele kanye ngaphaya
> Komkhusane wexesha,
> Oko kungandinika . . .ndinika ukholo oluthe chatha, ndaye ndingenza
> Konke, ndenze konke okusemandleni am,
> Ukuba ndingajonga kanye ngaphaya komkhusane wexesha.

176 Yayingubani lowo, kule Jerusalem isemhlabeni, ngoko, "Wayengenasiqalo samihla, engenasiphelo saminyaka," waphuma wanika umthendeleko u-Abraham owayenedinga? Kwaye idinga linatyiselwe kuthi, ngale ntsasa. Lelomntu ngamnye kuni.

177 Ukuba besinelinye ixesha elingaphezulu, akwaba besinalo, ngale ngongoma ibalulekileyo; mhlawumbi ngenye imini, emva kokuba seluphelile olo hambo.

178 Njengoko ndiwela ukuya ezizweni ngoku, kwimihlaba yasemzini nasekujikelezeni, ndishumayele iVangeli, mandishiye le ngcinga nani, bantwana bam abathandekayo, bazalwana bam nabantu esisebenza kunye kwiVangeli yeNkosi yethu uYesu Kristu. Musani ukudinwa. Khuthalani ngokutsha ngale ntsasa, phakamisani iintloko zenu. Phakamisani amadolo agexayo kunye nezandla ebezikade zijinga. Khangelani kwimbangi nomgqibelelisi wokholo lwethu, iNkosi uYesu Kristu, Osinike la madinga. Le nto ndizame ukushumayela ngayo kuni, ngesityhilelo endisinikwa yiNkosi uYesu Kristu, ngeli thuba ndingongazinto ongafundanga, ongenamfundo, ukanti uThixo uSomandla ubeke loo Nto phambi kwehlabathi, kuba yona Ayinakusilela.

179 Kuhleli apha, ngale ntsasa, kukho abo bebeziziqhwala bexhwalekile, kwiveki ephelileyo, kule veki ke banjengomntu wonke baphilile. Kukho abo babezizithulu, bemi apha kubusuku obumbalwa obudlulileyo; bemi apha ngoku, besiva kanye njengabanye bonke. Yintoni na? Ngumnqophiso kaThixo ongenamiqobo Awathi wawenza no-Abraham kunye neMbewu yakhe. Wathembisa ukuba Uyakuyenza loo nto, ngoko ke masikholwe kuyo ngale ntsasa ngentliziyo yethu yonke.

180 Njengoko abantu, abanye behleli apha, abadala, abanye bethu besiya beba ngwevu. Abanye kuthi, phambi kokuba sihlangane kwakhona, kusenokubakho abo kuthi bayakudlulela ngaphaya kwekhuselo. Kodwa nokuba yintoni na oyenzayo, nokuba buvelisa ntoni na ubomi, ukuba buvelisa ukugula, ukuba buvelisa nantoni na ehlabathini, i-ankile yakho mayibe ixhathise ngaphakathi kwekhuselo. Hlala ukhangele kwimbangi nomgqibelelisi ngaphesheya, iNkosi uYesu Kristu. Zibize ezo zinto, zikhangeleka zikho, ngokunga a zikho.

181 Zintathu izinto anokuzilandela umntu. Eyokuqala, yeyobuntu; eyesibini, sisityhilelo esiNgcwele; eyesithathu, ngumbono, ngu-ITSHO INKOSI. Ngamaxesha amaninzi, s*ilapha* ezantsi, singakhe sinyukele *koku.* Ukuba awukho ezantsi phaya, lahlela onke amathemba akho ngaphaya komkhusane, apha phezulu ku-ITSHO INKOSI. Nakuba ungawuboni umbono; nakuba singafiki isityhilelo; nakuba, wakuba uthandazelwe, uthi, "Ndinqwenelela nje ukuba bendinokukholwa." Oko akwenzi kwamahluko. Lahlela i-ankile yakho emazantsi phaya, uyibize ngokuba injalo loo nto, nakanjani na.

U-Abraham wayengenakubona. Wathi, "Ingenzeka njani loo nto?"

182 UMariya wayengakwazi kuyiqonda. Wayenokuthini ukuba nosana, "engazani nandoda?"

183 Wathi, "Kodwa uMoya oyiNgcwele uyakukugubungela. Uyakwenza yenzeke loo nto."

184 Wathi, "Nanko umkhonzazana weNkosi. Makwenzeke kum." Yayizakwenzeka njani loo nto? Wayengazi. Kodwa waphosa i-ankile yakhe ngaphaya kwekhuselo, wahamba engqina ukuba wayezakuba nosana, ngaphambi kokuba eve okuphilayo okanye nantoni na. Wabiza ezo zinto zazingekho, ngokungathi zikho.

185 U-Abraham, xa wayenamashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, uThixo wamnika idinga. USara ke, enamashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala, wamnika idinga. Aphela amashumi amabini anesihlanu eminyaka ngaphambi kokuba libe liyenzeka. "Kodwa u-Abraham akazange athingaze kwelo dinga likaThixo ngokungakholwa; koko womelela elukholweni, edumisa uThixo. Ebiza ezo zibonakalaliso, nezinto ezazikho, ngokungathi zazingekho." Engqina kuphela oko uThixo wathi kuyinyaniso ngokuba wayenedinga.

186 Thixo yiba nenceba. Owu, bethu! Ingaba ukholo lwakho luzinzile ngale ntsasa? Xa imimoya yenkathazo ibhudla, ubusuku bumnyama, nemimoya nemibane ilanyaza, ingaba i-ankile yakho ibambelele? Yakhela amathemba akho ngale

ntsasa kungekuyo enye into ngaphandle kweGazi elinobulungisa likaYesu. Ndiyazi ukuba kunzima. Kukhangeleka kunzima. Kodwa yithabathe kube kanye, uthabathe uThixo kwiLizwi laKhe, ubone ukuba lithemba elizuke kanjani na ukumatsha nje usiya phambili ngokholo.

187 Kweli dabi likhulu lokholo, ndizamile ukulilwa, ndihlangene nezithintelo ezoyikekayo, ndanqumla kwiindlela ezirhabaxa. Kuyabonakala oko kum. Kwenzekile. Kodwa kube yeyona nto iyintsikelelo. Andinakuze ndikutshintshise ngayo nantoni na ehlabathini.

188 Nalu ke olona loyiso lwam lukhulu, olona luvuyo lukhulu ndinalo, kuxa ndithe ndamelana nento. Andiboni ngaphaya kwayo, nokuyingqongileyo, kungenjalo phantsi kwayo. Ndihamba njalo ndiye kuyo, ndikholwa lento, ukuba uThixo uyakuvula indlela ndakufika apho, andizange ndifike kuloo nyaka, ukuza kuthi ga apha, nanini . . . Nawo wonke loo mgama ndize kufika kuwo, ndithembele kuYe. Akakhange andiphoxe.

> Lubabalo olwafundisa intliziyo yam ukoyika,
> Lubabalo olwashenxisa izoyiko zam;
> Lwavela luzuke kanjani olo babalo
> Ngeyure endaqala ukukholwa!
> Ndiwele kwiingozi ezininzi, intsokolo nemigibe,
>
> Sendiphumele;
> Yaye lubabalo oluze kundifikisa apha;
> Ubabalo luyakundiqhubela phambili.
> Yaye xa sesilaPho ishumi lamawaka eminyaka
>
> Sikhanya ngokwelanga;
> Asiyi kuba nantsuku zimbalwa zokucula indumiso zakhe
> Kunoko siyakube siqalile.

189 Xa siyakuhlangana Apho, no-Abraham, u-Isake noYakobi, abo babezindlalifa zedinga, bekhangele kuthi ukuze singasileli, “kuba ngaphandle kwethu abanakwenziwa bagqibelele.” Nendlela abaxhomekeke ngayo kuthi, ngale ntsasa! Masingasileli. I-ankile yakho mayibe kuKristu.

190 Ukuba ungumoni, akunyanzelekanga ukuba uze esibingelelweni. Kusisithethe ukwenza loo nto. Kodwa ukuba awufuni kuza, kungekho sithuba kuwe ukuba uze, yithi, “Nkosi, ndilahlela ecaleni zonke izinto zehlabathi, khona ngoku. Ndizibeka phambi kwaKho ndingenanto ndize njengoko ndinjalo, kwaye ndineentloni ndihlazekile. Kodwa i-ankile yam ndiyigxumeka kuWe. Kwaye ndiyakholwa kuWe. Akukho nto ndinokuyenza ngaphandle koko Wandenzela kona.”

191 Ukuba uyagula, ugqirha uthi akukho ndlela konke yakuba ube ungaphila, akukho nto inokwenziwa. Khangela nje kulo-
. . .kweli qela lincinane labantu ngale ntsasa, xa, eli—eli ligcuntswana nje, asililo nechaphaza kumawaka elithe laphiliswa kwezi veki ziphelileyo, ehlabathini jikelele.

192 Iimvuselelo ezinkulu! Ihlabathi liyagquma, ziimvuselelo zempiliso eNgcwele; amadoda okholo ayaphuma, enganyali ukuthabatha uThixo kwiLizwi laKhe. Imihla yeNtlanga i yaphela. Nguwo lo umqondiso. Khangelani kuwo. Musani ukulibazisa kakhulu.

193 Balibazisa kakhulu, ukuba babenokumqaphela u-Eliya. Nabafundi ngokwabo bathi, "Kungani na ukuba ababhali bathi, 'U-Eliya umelwe kukufika tanci'?"

Wathi, "Sele efikile, yaye animazanga."

Bathi, "Ebengubani?"

Wathi, "NguYohane umBhaptizi."

"Kulungile," batsho, "ngokuqinisekileyo, yayinguye lowo."

194 Weza uYesu, kwaye abazange bayazi loo nto. Emva kokuba umRoma wayeMbethelele, xa lase liphele kakhulu ixesha ngoko lokuba kubekho into enokwenziwa, Wathi, "Inyaniso lo ibinguNyana kaThixo." Nakuba Wayengumenzi wobubi, nakuba Waye—Wayetshicelwe, nakuba kwahlekiswa ngaYe watshutshiswa, nangoko uThixo waMngqinela ngemiqondiso nemimangaliso.

195 Namhlanje, masingalibazisi kakhulu. Kukuphela kwesigaba sexesha leeNtlanga oku. Siyaphela.

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso eyaxelwa ngaphambili yiBhayibhile;
Imihla yeeNtlanga ibaliwe, izele
Ziinkathazo;
"Buyani, Nina nachithwayo, nize kwelenu."

Usuku lwentlangulo lusondele,
Iintliziyo zabantu ziyaphela ukoyika;
Zaliswani nguMoya, izibane zethu
Zilungiswe zikhanye,
Khangelani phezulu, ukuhlangulwa kwenu kusondele!

196 Bawo wethu, siyaKubulela ngale ntsasa ngeli themba lizukileyo. Owu, ngamhla uthile unobuqaqawuli, xa Uyakuma phezu komhlaba kwakhona, kuyakuthiwa, "Kwakungabhalwanga na emaculweni, 'Ukuhlangulwa kwenu kusondele'?" Xa Wawulapha ngexesha lokuqala, Wathi, "Kwakungabhalwanga na ngoDavide, ezindumisweni, ezi zinto zithile-thile?"

197 Yaye xa sicinga ngeloo culo, “Kuyakubakho intlangano esemoyeni,” kuba bonke abaprofeti, nabahlanguliweyo, noDavide omncinci, noMoses, nawo onke amanyange, ayakubakho Apho. Ngoko siyakuthi, “Kwakungabhalwanga na eculweni, ukuba siyakuyibona lento?” Abahlanguliweyo bazo zonke izigaba ke bayakuvuya behlangene.

198 Bawo, xolela nayiphi na indoda ephume ecaleni okanye umfazi, inkwenkwe okanye intombazana kusasanje. Yanga le ingayimini entsha ebomini babo, ixesha ekuyakuthi ngalo, ngokholo, bamnkele iNkosi uYesu njengoMsindisi wabo batywinelwe eBukumkanini bukaThixo, ngoMoya oyiNgcwele.

199 Thabatha la ambalwa, angxanyelweyo amazwi, Bawo, uwatshonise emazantsi ezintliziyweni zabantu, kanye njengoko beswele.

200 Kwimizuzwana embalwa nje ngoku, kuzakuza abantu apha, ukuza kuphiliswa. Kuyakubakho apha, Nkosi, abazimfama, abaxhwalekileyo, abaqhwalelayo, abagulayo, nazo zonke iintlobo zezifo ziphezu kwabo. NguSathana owenze lento ingcolileyo, Bawo. Abo bantu balusizi, Nkosi, abanakuza apha ukuba bebengakholwa ukuba bayakuphiliswa.

201 Wena wathi, “Siyeyisa ngeGazi leMvana nangobungqina bethu.” Naku kulele apha imitya apha phezu kweqonga. Iintonga zokuhamba nezinto ezinjalo zifumbile, zarhuqwa kwemnkiwa nazo; nezitulo ezinamavili, kwaye, owu, oomandlalo abancinane bafumba, neebhedi. Amadoda nabafazi ke bahambile ukusuka apha, Nkosi, bephuma kuzo zonke iintlobo zezifo neenkxwaleko athe uSathana wazibeka phezu kwawo. Akukho ngenxa yokuba iyile ndawo, kodwa kungokuba ukholo lwabo luhlangene noko kufunwa nguWe kanye apha.

202 Ndiyathandaza, Thixo, ukuba wonke umntu ogulayo olapha, ukuba ukholo lwabo lwanele, ngale ntsasa, ngoku, ukuze bakhumbule ukuba loo Melkitsedeke mkhulu waphaya kudala, Owayengenasiqalo samihla. Wayengenayise, engenanina. Akazange abe nasiphelo sabomi; usaphila namhlanje. Koko, wayengengonweyo, ebizwa ngokuba nguYesu Kristu, waba yinyama; wafa, wabuyela kuloo nto kwakhona. UsenguKumkani woxolo, uKumkani wobulungisa, esithembisa ezi zinto zinkulu zinguNaphakade. Athe Yena . . . Loo nto ifungelwe nguThixo, u-Abraham, ukuba Uyakuwugcina lo mnqophiso, idinga, ukusukela kuYe neMbewu yaKhe, ngonaphakade. Sincede, namhlanje, ukuba sihambe sibheke phambili kweli qonga ngoku, sinokholo olungathothiyo.

203 Abanye babo apha, Nkosi, babotshwe yimikhwa engahlambulukanga, imikhwa emidala engcolileyo yenyama. Thixo, njengoko iBhayibhile ithe, “Masibekele bucala wonke

umthwalo, naso isono esinokusirhawula ngokusisisulu." Thixo, banga bangayityhalela bucala, ngale ntsasa, bakhangele kuYesu Osihlambulula kuko konke ukungalungisi. Siphe oko, Bawo . . .

204 Ukuze xa simnka namhlanje, sanga singahamba sinentliziyo ezaliswe luthando, novuyo. Sikelela le nkonzo incinane. Sikelela uMzalwana wethu othandekayo uNeville, Nkosi, njengoko esalusa, esebenza mihla yonke nobusuku bonke apha, ezama ukwenzela abantu i—indawo yokuza kukhonza, ukuza kubona iNkosi uYesu ikwisibonakaliso saYo sothando namandla.

205 Sikelela le nkonzo kusihlwanje, Nkosi. Hlisa intsikelelo enkulu kuthi. Kwaye, Bawo, siyathandaza ngoku ukuba Ufumane uzuko kwizinto zonke.

206 Ukuze ngamhla uthile, xa bonke ubomi sebudlule, intshumayelo yokugqibela ishunyayelwe, iBhayibhile ivaliwe; izithonga zivakalisiwe, izixhobo zipakishiwe, umsi wedabi usoma uphela, ilanga litshonile; ngoko, Bawo, samnkelele eBukumkanini baKho. Sanga singafana noomakhwekhwethe abadala abaneenduma zedabi. Siphe oko, Nkosi, ukuze sibe nokwamnkela umzimba omtsha, apho singenakuze siphinde sigule kwakhona, singenakuze sibe nantliziyo ibuhlungu okanye usizi.

207 Kodwa masithembeke kuzo zonke ezi zinto, ngeli thuba siselapha emhlabeni ngoku, ukuze sikholwe, sibize ezo zinto zingekhoyo, ezo zichasene neLizwi likaThixo, ngokunga zikhona. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

208 Ukho umntu apha oziva efuna, ukuthi, "Ndingathanda ukwamnkela iNkosi uYesu Kristu. Andizange ndiyenze loo nto ngaphambili. Ndifuna ukuphakamisa nje isandla sam." Ndithi, "Mna ngokuphakamisa isandla sam, ndiyaMamnkela." UThixo akusikelele, dade. UThixo akusikelele, mzalwana. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Nantso . . . UThixo akusikelele, mzalwana, "Ndifuna ukwamnkela iNkosi uYesu Kristu." UThixo akusikelele, dade. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Intle loo nto.

209 Ucinga ukuba Akayiva loo nto? Uyayazi intliziyo yakho. NguYe Lowo Ukuxelele ukuba wenze loo nto. Ukhona omnye umntu othi, "Ngoku—Ngoku ndifuna ukukholwa. Ndi—Ndiyatsho ngoku, 'Nkosi, ndifuna ukwamnkela Wena khona ngoku. Ndifuna ukuba i-ankile yam iqine, ngaphaya ngaphakathi kwekhuselo, ukuze ingaze ishukume. NdiyaKwamnkela njengoMsindisi wam.'" Awunakuphakamisa isandla sakho, umntu ongomnye? UThixo akusikelele.

[Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]
Kuthiweni ngoko?
Xa iNcwadi enkulu ivuliwe, kuthiweni ngoko?

Xa abo bawalayo lo Myalezo, namhlanje,
Bayakubuzwa ukuba baxele
isizathu—Kuthiweni Ngoko?

210 Yanga iNkosi inganisikelela ngoku. Ingaba nizakubana . . . Bangaphi apha abazakuthandazelwa, abagulayo? Masibone izandla zenu, nantoni na apha ngaphakathi kwesi sakhiwo. Egulayo.

UMELKITSEDEKE, ITSHAWE ELIKHULU NOKUMKANI XHO55-0109M
(Melchisedec, The Great Prince And King)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla we-9 kuJanywari, wowe-1955, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2004 ngabe:

©2004 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org